



**ASSESSMENT & EXAMINATIONS**

Bundy Park, Schornville, KWT \* Private Bag X 4571, KWT, 5600  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: [www.ecdoe.gov.za](http://www.ecdoe.gov.za)

## **NSC 2011 CHIEF MARKER'S REPORT**

<b>SUBJECT</b>	<b>ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA</b>
----------------	-----------------------------------

<b>PAPER</b>	<b>1</b>
--------------	----------

<b>DATE OF EXAMINATION:</b>		<b>DURATION:</b>	<b>2 IYURE</b>
-----------------------------	--	------------------	----------------

### **SECTION 1:**

**(General overview of Learner Performance in the question paper as a whole)**

Luqhube kakuhle kakhulu uninzi lwabafundi kweli phepha. Ofumene inqaku eliphezulu ngama- 66.
Ikho ke nemingqandandana engenzanga kakuhle njengoko kukho abafumene amanqaku 03,
05, 06, 12 endicinga ukuba bakumgangatho ongalifanelanga eli banga. Libabethile ke eli phepha kungoko ndicebisa ukuba benze isiXhosa FAL.

### **SECTION 2:**

**Comment on candidates' performance in individual questions**

**(It is expected that a comment will be provided for each question on a separate sheet).**

<b>QUESTION 1</b>
<b>(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?</b>
Baqhube kakuhle kakhulu abafundi kulo mbuzo. Bebekho abawafumene onke amanqaku-30.
Kuncomeka kakhulu oko. Kukho imibuzwana abangayiphendulanga kakuhle .
<b>(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.</b>
Abafundi abawufundisisi umbuzo. Babethekile kweminye imibuzwana enje ngale ilandelayo:
1.1.1 Babethekile kulo mbuzwana kuba bebeyalelwe ukuba mabachonge ibinzana, bona basuka babhala isivakalisi esipheleleyo njengoko sibhalwe kwisicatshulwa okanye banike igama endaweni yebinzana.
1.1.6 Nakulo umbuzwana babe buchaneka abanye abafundi kuba ubufuna bacaphule Bona abacaphuli bakhuphela umhlathi wonke. Abakufaki oko bakucaphuleyo kwimpawu zocaphulo.
1.1.8 Abakwazi ukuphendula umbuzo ofuna "inyani" okanye bubuxoki" bona babhala" u- okanye u-hayi".

1.1.11 Umsakwabo abamazanga ukuba ngumntwana wakokwabo oyintombazana bona bebenika impendulo ethi uzalwa naye angacacisi ukuba ngumntwana ongudade wabo.
1.2.6 Amagama abhaliweyo ezantsi komfanekiso abawasanga so kuba kaloku ngawo ebebanika umkhombandlela ngokuqhubeka emfanekisweni nangona ebebhale ngolwimi lwasemzini.
<b>(a) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning</b>
<ul style="list-style-type: none"> <li>• Mabakhuthazwe abafundi bathande ukufunda nokutolika imifanekiso.</li> <li>• Mabanikwe izicatshulwa ezibude bulindelekiyo ngokokutsho kwe Document.</li> <li>• Mabafundiswe ukucaphula.</li> <li>• Utitshala makaqiniseke ukuba kwimibuzo yakhe zikho zonke i cognitive levels ezibaxoxela zibaqhelanisa neentlobo-ntlobo zemibuzo. ( elula, ephakathi nenzima)</li> </ul>
<b>(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners</b>
Upelo olugwenxa igama likho kwisicatshulwa: wayengqengqe> wayenqenqe
basempilweni> basemphilweni
Xa efuna ukubhala u Yinyani athi Yinya.
Ulwimi abalusebenzisayo alusulungekanga - Umndeni, ifemeli
<b>(e) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning</b>
<ul style="list-style-type: none"> <li>➤ Ootitshala mabahlale esikolweni baphefumlelane.</li> <li>➤ Ufuthelwano ngokwezithili nangokweeklasta.</li> <li>➤ Abacebisi bezifundo mabazindwendwele izikolo ukuze banike uncedo apho kuyimfuneko.</li> <li>➤ Makukhuthazwe ucweyo ezithilini.</li> </ul>
<b>QUESTION 2</b>
<b>(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?</b>
Baqhube kakubi kakhulu kulo mbuzo.
Loo nto ibonisa ukuba ikho ingxaki ekufuneka iqwalaselwe.
Bambalwa kakhulu abafundi abazuze amanqaku 8,9,10.
Abaninzi bebezifumanela amanqaku 0-3.
<b>(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.</b>
Abafundi abasifundi isicatshulwa bayonqena.
Loo nto ibenza bathathe izivakalisi njengoko zinjalo kwisicatshulwa.
Uninzi alukwazi ukwakha izivakalisi ezipheleleyo.
Bayaphuma emxholweni bazakhele owabo umxholo.
Ukungakwazi ukupela ngokukuko kuyayiguqula intsingiselo.
Ukusebenzisa iimpawu zobhalo: isingxi; oonobumba abakhulu, iikhoma nezinye.
Imemo ibitshixiwe ezinye iingongoma zavaleleka ngaphandle.

<b>(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning</b>
❖ Abafundi mabaqheliswe ukushwankathela iincwadi abazifundileyo nabangazifundanga.
❖ Mabakhuthazwe basebenzise amazwi abo xa beshwankathela.
❖ Mabakhuthazwe ukusebenzisi izivakalisi ezipheleleyo.
<b>(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners</b>
Okuqaphelekayo kukuba abafundi bazibhala zombini iindlela zokushwankathela; iingongoma nomhlathi.
Abawuhoyi umxholo wesicatshulwa bazenzela owabo.
Idrafti azihlatywa ngabanye abafundi.
e) Any other comments useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.
▪ Ucweyo- kugxilwe ekuqeqesheni ootitshala kubhalo lwesicatshulwa.
▪ Ufuthelwano ezikolweni kwiiklasta nasezithilini luyacelwa
▪ Abacebisi-zifundo mabaqeqeshe ootitshala babancedise.
<b>QUESTION 3</b>
<b>(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?</b>
Uphendulwe kakuhle lo mbuzo. Uninzi luwaqokelele phantse onke amanqaku.
<b>(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.</b>
3.7 Bebebhala nezingadweliswanga emfanekisweni izinto umz. Ikawusi.
3.8 Umbhalo ubungabonakalisi kukekela , loo nto yenza abafundi abayichana impendulo.
3.4 Yinyani okanye luluvo abakwazi kubaphendula basoloko besebenzisa u- ewe okanye u-hayi
<b>(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning</b>
Mabaqhelaniswe neendidi ngeendidi zezibhengezo kugxininiswe kwiimpawu zazo ezibalulekileyo.
<b>(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners</b>
Khange kubekho ngxaki zininzi nakulo umbuzo.
3.6 Abawufundisisi umbuzo. Lo mbuzo ubufuna iindidi zezihlangu kodwa abanye banike izikipa endaweni yezihlangu, abanye banike iikawusi.
<b>(e) Any other comments useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.</b>
• Uphuhliso lweetitshala, abacebisi kwizibhengezo.
• Makugxilwe kakhulu kulwimi olusetyenziswa kwisibhengezo.
• Abafundi mabenze izibhengezo ngokwabo kwenziwe uncomo-gxeko lwazo.
<b>QUESTION 4</b>
<b>(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?</b>
Baqhube kakuhle kakhulu nakulo umbuzo.
<b>(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.</b>
4.10 Abawufundisisi umbuzo. Bayalelwe ukuba banike isizathu, kuqapheleke ukuba bona abaniki sizathu kuloko bathi:
Bendiza kumxelela inyani.
4.5 Abaniki sichasi banika isilanduli.
Makuchongwe ikhathuni ecacileyo ebonisa nenkangeleko yobuso ingafuniselwa.

<b>(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning</b>
Ootitshala mabadibane baphefumlelane ngemibuzo elolu hlobo.
Abafundi mabaqhelanise nokuphendula imibuzo esekwe kwikhathuni.
<b>(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners</b>
Abafundi abawazi amaqhalo > Kucetyiswa ukuba mabawafundiswe.
Mabafundiswe umahluko phakathi kwesaci neqhalo.
Makubuyelwe kwiincwadi ezinezaci namaqhalo.
<b>e) Any other comments useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.</b>
Kucelwa uRhulumente aqeshe abazobi beekhathuni ukuze kubekho uvimba ekudinjazwa kuwo xa kuqeqeshwa abafundi.
Makubekho iimini Zamagugu Esizwe ukuze abantwana bakhunjuzwe ngamagugu esizwe sabo apho beza kuboniswa bafundiswe ngazasendulo.
<b>QUESTION 5</b>
<b>(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?</b>
Lo mbuzo awuphendulwanga kakuhle wonke.
5.1- 5.5 Awuphendulwanga kakuhle.
5.6- 5.10 Esi siqingatha senziwe kakuhle kakhulu kwaye kulapho baqokelele amanqaku.
<b>(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.</b>
Imigaqo yolwimi abafundi abayazi. Xa kubuzwa umsebenzi nentsingiselo bona abafundi banika isigaba sentetho.
5.9 Abakwazanga ukubona igama ekumele kulungiswe isiphene kulo (imingxeba) nangona eli gama belivela kulaa mhlathana bebewunikiwe.
5.8 Izivumelanisi abazitshintshi abafundi xa bephendula lo mbuzo wokuguqulela kwingxelo ntetho. Iimpawu zocaphulo abazisusi abafundi bazisebenzisa nalapha kwingxelo ntetho.
<b>(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning</b>
5.10 Abafundi mabangashiyi nelinye igama xa kusithiwa mabawabhale ngendlela eyiyo ukwenza isivakalisi beqaphele ulandelelaniso olululo lwamagama.
Makugxininiswe kumsebenzi nentsingiselo yegama.
Makuqinise nakwindlela yokusetyenziswa kwezakhi.
<b>(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners</b>
5.4
Abafundi ubabhidile lo mbuzo kuba indlela obuzwe ngayo ibenze abazi nokuba mabanike igama lemboleko okanye elesiXhosa. Bekumele ukuba igama "lesiXhosa" lisusiwe kulo mbuzo. Yiyo loo nto eyenze abafundi banike impendulo engu 'mabonakude'
<b>e) Any other comments useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.</b>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Izithili mazenze ucweyo nophuhliso lweetitshala.</li> <li>Makucelwe iititshala ezincedisa ekukorekisheni ukuba zize kuncedisa xa kucetyiswa abanye ootitshala abangalifumananga ithuba lokuya kukorekisha ukuze babone indlela ekumakishwa ngayo.</li> </ul>
Olo futhelwano luya kudlala indima enkulu ekukhuliseni abanye ootitshala.

<b>QUESTION 6</b>
(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?
(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.
(C) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning
(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners
e) Any other comments useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.
<b>QUESTION 7</b>
(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?
(b) Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.
(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning
(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners
e) Any other comments useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.

**SIGNATURE OF CHIEF MARKER:** \_\_\_\_\_



**SIYASEBENZISANA/ WORKING TOGETHER/ SAMEWERKING**  
*Quest for Excellence through high powered performance*

